URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Almaret du Toit
ICandelo leKharityhulam ye-GET
almaret.dutoit@westerncape.gov.za | 021 467 2172

Inombolo yefayili.: 21/2/5/2
Isalathiso: 20241204-9101

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* 0009/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo beSigaba esiSiseko, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaCandelo eZifundo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

ISihloko: Ukulawulwa kwexesha lokufunda ekuphulukenwe nalo – ukomelezwa kokufundwa koLwimi neMathematika kwiSigaba esiSiseko

1. Le ngcaciso imfutshane inika iingcebiso nenkcazelo engaphezulu malunga nokubuyiselwa esiqhelweni kokufundiswa kwekharityhulam ukwenzela iSigaba seSiseko ngo-2025.

2. Ubhubhane i-*COVID-19* ubangele uphazamiseko olungazange lubonwe ngaphambili kwinkqubo yemfundo kwilizwe ngokubanzi. Esinye seziphumo ezibangelwe ngubhubhane kukuncitshiswa kwexesha lokufundisa nokufunda, nokubangele ukuphulukana nexesha lokufunda elibalulekileyo. Iingxelo zehlabathi jikelele nezalapha ezininzi, ezifana nezi, ziyakungqina ukuluphulukana nexesha okungamandla nemiba eyingxaki:
   - *How is the COVID-19 pandemic affecting educational quality in South Africa?, 2020* ngu-*Martin Gustafsson* no-*Carol Nuga.*
   - I-*Western Cape Education Department (WCED) Systemic Diagnostic Report, 2022;*
   - I-*WCED Systemic Diagnostic Results Report, 2022; kunye nale*
   - *Learning losses from COVID-19 in the Western Cape, 2019–2021 ngu-Servaas van der Berg, Ursula Hoadley, Jaamia Galant, Chris van Wyk no-Bianca Böhmer we- Research on Socio-Economic Policy Team* base-*Stellenbosch University.*

3. Zizonke, ezi ngxelo zibonisa ukuba amanqanaba okufunda ehlile kakhulu kwiSigaba esiSiseko yaye ngenxa yoko, kuchaphazeleke kakhulu iMathematika nokufunda.

4. Ukuthomalalisa impembelelo ye-*COVID-19* ekufundeni nasekufundiseni, iSebe i-WCED laphumeza inkqubo yokubuyisela ukufundiswa kwekharityhulam esiqhelweni yeminyaka emininzi (*multi-year curriculum recovery approach).*

wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

5. Njengenxalenye yale nkqubo yokubuyiselwa kokufundiswa kwekharityhulam esiqhelweni yeminyaka emininzi (*multi-year curriculum recovery approach*), kwabelwa ixesha elongezelelweyo kwiSigaba seSiseko kwiMathematika noLwimi.

6. Oku kulingwe kwiKota 3 no-4 ngo-2022 kwaza kwaziswa izikolo kusetyenziswa iNgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* 0008/2022, yomhla we-19 Julayi 2022.

7. Olu kwabelwa ixesha elongezelelweyo kwabekwa esweni yaye kwajongisiswa ngokunjalo. Isaveyi yathunyelwa ezikolweni kusetyenziswa iNgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET* 0011/2022, yomhla we-07 Novemba 2022, ukufumana ingxelo ngokuqhubekayo kootitshala ngokumalunga nokubheka phambili.

8. Yi-55% yezikolo zizonke ezayigqibayo isaveyi apho i-94% ezaphendulayo (*respondents),* nezacebisa ukuba kuqhutyekwe nokwabelwa ixesha elongezelelweyo ngo-2023.

9. Imodeli yexesha elongezelelweyo kwiSigaba seSiseko yokubuyiselwa kwexesha lokufunda ekuphulukenwe nalo yendlalwa kwiingxoxo zeBhunga laBaphathiswa beMfundo (*Council of Education Ministers)* yaye iBhunga lakuvuma ukuphunyezwa kwexesha elongezelelweyo ukubuyisela eli xesha kuphulukenwe nalo.

10. ISetyhula S5 ka-2023, yomhla we-12 Februwari 2023, yakhutshwa liSebe leMfundo esiSiseko ukwazisa amasebe emfundo amaphondo ngexesha elongezelelweyo elabelwe iSigaba seSiseko. (Makufundwe isiHlomelo A).

11. Ukwabela ixesha elongezelelweyo kwiMathematika nakuLwimi kwiSigaba seSiseko ke ngoko kuphunyezwe de kwaba sekupheleni kuka-2024.

12. Le ngcaciso imfutshane yeyokwazisa ukuba ukuphunyezwa kokwabelwa ixesha elongezelelweyo iMathematika noLwimi kwiSigaba seSiseko kuya kuqhubeka nango-2025.

13. Kuya kulindeleka ukuba iiKomiti zoLawulo zeZikolo (*School Management Teams (SMT))* neentloko zamacandelo ezifundo zeSigaba esiSiseko ziqhubeke ukunika inkxaso ootitshala kunye nokubeka esweni ukuphunyezwa kwenkqubo.

14. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beSigaba seSiseko ezikolweni zazo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2024-12-06